SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za

Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2023

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
## IPHEPHA LESIBINI (P2)
## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 70**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-16.

SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – K.S. BONGELA

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Sesokuba wayeve ngoNozililo ukuba uLungile unentokazi athandana nayo azulazula nayo edolophini ✓✓/ ulala nentombi ehotele. ✓✓ (2)

1.1.2 B ✓/ B onengqumbo ✓/ onengqumbo. ✓ (1)

1.1.3 Asifanelekanga, kuba uNomakhwezi uqhutywa nje sisikhwele ukuze afikelele kwisigqibo sokuba uLungile yinja, akazange azenze zonke ezi zinto atyholwa ngazo uLungile. ✓✓ (2)

1.1.4 Yeyokuba uThamsanqa wafika engenaxhala lanto ✓✓/ wafika epholile. ✓✓ (2)

1.1.5 Sesokuba uxolo lubalulekile kwaye into engalunganga imele ukukhalinywa nokuba yenziwa ngabantu abasondeleyo kuthi ✓✓/ esihlobeneyo nabo. ✓✓ (2)

1.1.6 Bobabini baye bafumana ingozi yemoto yatsha baba bayasweleka. ✓✓ (2)

1.1.7 Incedisile, kuba kule dolophu kuye kwaba lula kuNozililo ukuba aqeshe ootsotsi ukuba baqhube izenzo zobugebenga egameni lakhe. ✓✓ (2)

1.1.8 Kukusukuzana kosapho lwakwaNtsibande nolwakwaMakhwetshu ngevenkile abakholelwa abakwaMakhwetshu ukuba yeyabo, ililifa labo ngoko ke ayinakuwela ezandleni zabakwaNtsibande. ✓✓ (2)

1.1.9 Isihloko sale noveli esithi ‘Kusa kusihlwa’ sibhekiselele kwiimeko ezithe ngoku beziqale zaba krakra kodwa zijike kukhanye. ✓ Lo mlinganiswa unguMpumelelo uye wehlelwa zizinto ezibuhlungu ebomini eswelekelwa ngabazali bakhe bobabini ashiyeke echaphazelekile engqondweni kodwa anyamezele ade aphumelele ebomini kujike kukhanye xa esiba ngugqirha ophume izandla kwingingqi yakhe eLusikisiki. ✓✓ (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Wayevela esikolweni ✓/ wayevela esinaleni. ✓ (1)

1.2.2 Ivenkile yakowabo yayandiswe yankulu ✓
Ivenkile yahonjiswa ukwenzela ukuba ibe nombizane ✓
UThamsanqa wayesefumene nemvume yesilarha naso sesiqalile ✓
Urhwebo jikelele lwaluqhuba ngendlela eyanelisayo kakhulu kuba phezu kweveni, kwakusekufunwe neloli yokuthutha impahla. ✓

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.3 Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto ✓/ kwinqanaba lokujiya kwezinto.✓ (1)

1.2.4 Kukujonga usapho namashishini athathe indima yokuba nguyise kaMpumelelo. ✓✓ (2)

1.2.5 Wafezekiseka, ✓ kuba oko wathi washiywa ngabazali bakhe uMpumelelo akuzange kubekho sikhalazo de waphuma uMpumelelo waya kuba nguggqirha eLusikisiki ngentando yakhe kodwa evene noThamsanqa. ✓✓ (3)

1.2.6 (Ongqukuva ✓ kuba ekuqaleni ebengumntwana ongabonakalisi bundlongondlongo kodwa ekuhambeni kwexesha wabonakala engena kumlo nendlavini enguZet esilwa naye ngenxa yentombi emdanisweni. Ngoko ke isimo sakhe sibonakala siguqu-guquka ebalini. ✓✓ (3)

1.2.7 Ngumlinganiswa ongummeli-ntlobo. ✓ (1)

1.2.8 Ngumbhali. ✓ (1)

1.2.9 Kunjalo, kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ukuqala ekuqaleni de kuye ekugqibeleni ✓/ isihloko sebali sibhekiselele kuye ✓/ unabachasi abangabakwaMakhwetshu kunye nabaxhasi abalusapho lwakhe ✓/ unenjongo afuna ukuyiphumeza, ekukufunda nokugcina umzi.

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – P.M. NGANI**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Sesokuba wayebizelwe yona ukuba ayimamele ngoko ke wayefuna ukuqinisekisa ukuba akayilahli ingcombolo yayo nento eyizeleyo apho esikhululweni samapolisa. ✓✓ (2)

2.1.2 B ✓/ B onomothuko ✓/ onomothuko. ✓ (1)

2.1.3 Akufanelekanga, kuba le nkosikazi ayihlwempuzekanga koko izenza ihlwempu kuba ize ngeqhinga lokufuna ukubambisa uLinda Monti, igquka umkhondo. ✓✓ (2)

2.1.4 Yeyokuba uHlobo wayiyeka ixesha elide ilila engayithuthuzeli. ✓✓ (2)

2.1.5 Sesokuba umntu owuthandayo nowaziyo umsebenzi awenzayo uneendlela zokuhlangabezana neengxaki athi adibane nazo kuwo ✓✓/ kukuba nomonde nokunyamezela kuba ejonge ukufumana inyani. ✓✓ (2)

2.1.6 Kukudutyulwa kwakhe asweleke ngenxa yembumbulu eyangena elukhakayini lwentloko ehamba noLulama Zuma. ✓✓ (2)

2.1.7 Incedisile, kuba umbutho iMoonglow Night Club yasekelwa kule dolophu ukuze abantu bachithe kuyo isithukuthezi kanti nezenzo zobugebenga kube lula ukuba ziqhubeke ngenxa yefuthe ledolophu. ✓✓ (2)

2.1.8 Kukuba ulwaphulo-mthetho olumelwe ngamalungu aseMoonglow Night Club lumi endleleni yobulungisa obumelwe nguHlobo. Loo nto ibangele ungqzulwano phakathi kwala macala mabini. ✓✓ (2)

2.1.9 Isihloko sale noveli sithi, 'Umqol'uphandle, oko kuthetha ukuba into ebekucingwa ifihlakele ivelile okanye iyaziwa. ✓ Amalungu aseMoonglow ebesenza ubuqhophololo ade abulala uEddie ngethemba lokuba ityala aza kulosulela kuLinda kanti umthetho uza kubafumana de babanjwe bagwetywe ekugqibeleni. ✓✓ (3)

**KUNYE**

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ISICATSHULWA D

2.1 2.2.1 Wayese-ofisini yakhe. ✓ (1)

2.2.2 Kusemfuleni weNgcabanga ✓
*Kuse-Cemetery*. ✓ (2)

2.2.3 Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto✓/ kwinqanaba lokujiya kwezinto. ✓ (1)

2.2.4 Kukuqhuba uphando ukuze kufumaneke kubanjwe ababulali bakaEddie Maga noLulama Zuma✓✓/ yeyokucupha ekhangela ubungqina obunokukhokelela ekubanjweni kwababulali. ✓✓ (2)

2.2.5 Awuzange ufezekiseke, ✓ kuba wathi akufika kwiphempe akabona mntu wasuka wonda ngomnyango waseholweni eMoonglow Night Club. ✓✓ (3)

2.2.6 Ongqukuva ✓ kuba ekuqaleni ngumlinganiswa ongabonakalisi bundlongondlongo kodwa ekuhambeni kwexesha wabonakala eshwabula esongela uEddie ngokungade amtshate wada waya kwaMamKhey esirhoxweni apho wanxila akazazi nento ayenzileyo kanti uza kutyholwa ngokubulala uEddie. Ngoko ke isimo sakhe sibonakala siguqu-guquka ebalini. ✓✓ (3)

2.2.7 Ngumlinganiswa ongummeli-ntlobo. ✓ (1)

2.2.8 Ngumbhali. ✓ (1)

2.2.9 Kunjalo, kuba nguye umcuphi ophanda ityala ✓/kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ukuqala ekuqaleni de kuye ekugqibeleni ✓ / unabachasi abakwiqela lase*Moonglow* kunye nabaxhasi, uLizzie, uSajini Ngqondi noJoe Bumba ✓/unenjongo afuna ukuyiphumeza yokufumana abona babulali bakaEddie Maga noLulama Zuma. ✓

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**


SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 3**

***UMONWABISI*: ZAMA A. JAPHTA**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 Sesokuba wayengumntwana ongazelwanga nguye ngoko ke wayembona njengesicaka emzini wakhe. ✓✓ (2)

3.1.2 B ✓/ B abanentiyo / abanentiyo. ✓ (1)

3.1.3 Ayifanelekanga, kuba uMonwabisi wabonakalisa ukukhalipha okukhulu kwengqondo kuba kwasebuntwaneni bakhe wayekufundile ukujonga ivenkile kaThandabantu waze waba ngoyena mntu uwajonge onke amashishini kaThandabantu ekupheleni kwebali ✓✓/ kuba yaba nguye obonisa ubukrelekrele ngokuvela namacebo okusindisa amashishini kaThandabantu sele esecicini lokubhanga. (2)

3.1.4 Yeyokuba iititshala zazisebenzisa onke amacebo azo ✓✓/ zimzama ngandlela zonke. ✓✓ (2)

3.1.5 Sesokuba amangomso awaziwa ngoko ke akakho umntu oqinisekileyo ukuba ingomso limphathele ntoni kuba emva kokuphatha kakubi uMonwabisi abantwana bakaMamTolo baphela beqoqoshwa nguMonwabisi ebomini babo ✓✓/ baphela bengaphumelelanga ebomini nangona bebeneentsiba zokwenza oko, uMonwabisi yena wagqwesa. ✓✓ (2)

3.1.6 Kukusweleka kwakhe kwingozi yebhasi eyayikhwele abantwana besikolo bevela emidlalweni. ✓✓ (2)

3.1.7 Incedisile, kuba kukule venkile apho uMonwabisi wathi wafumana khona isakhono sokujonga amashishini ekuthe ekugqibeleni wongamela amashishini kaThandabantu. ✓✓ (2)

3.1.8 UThandabantu ungquzulana neenkolelo zobugqwirha ezibathe mbende abantu ngexesha lokuhluma kukaThandabantu njengosomashishini oNtsundu ✓✓/ kukungquzulana kukaThandabantu nabanye oosomashishini abanenkolo yokuba impumelelo yakhe uyifumene ngenxa yenyoka yakhe athwele ngayo. ✓✓ (2)

3.1.9 Isihloko sale noveli sithi, ‘UMonwabisi’, oko kuthetha umntu ozisa ulonwabo kubantu akunye nabo. ✓ Lo mlinganiswa unguMonwabisi naye uze nolonwabo olungummangaliso kwikhaya lakwaThandabantu ngenxa yokukhuthala nokuthembeka kwakhe kumashishini eli khaya ✓✓/ ubuyise nosapho lwakwaSihlunu, iintombi zakhe ezazishiye ikhaya. ✓✓ (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 Wayevela edolophini kuTsolo ✓/ wayevela evenkileni kaThandabantu ✓/ wayevela kwaThandabantu ✓/ wayevela emzini kaThandabantu noMamTolo. ✓

[Nayiphi kwezi.] (1)

3.2.2 Wamnika amaphepha apho makenze intsayino-gama lakhe. ✓ Wamnika amaphepha apho uThandabantu wayemnikezela isixa-mali esingamawaka angamakhulu amathandathu, ukuze akhe ngaso ezo zakhiwo zintsha. ✓ (2)

3.2.3 Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto ✓/ kwinqanaba lokujiya kwezinto. ✓ (1)

3.2.4 Kukumela uThandabantu njengegqwetha elijongene nokukhusela amashishini kaThandabantu. ✓✓ (2)

3.2.5 Wafezekiseka, ✓kuba wathi akunikela kuMonwabisi ulawulo lwamashishini akhe akhiwa ngokutsha avuseleleka amashishini kaThandabantu. ✓✓ (3)

3.2.6 Ongqukuva ✓kuba ekuqaleni ebengamthandi uMonwabisi engamboni njengomntwana wakhe kodwa ekupheleni kwebali uyaguquka ambone njengonyana wakhe uMonwabisi. Ngoko ke isimo sakhe sibonakala siguqu-guquka ebalini. ✓✓ (3)

3.2.7 Ngumlinganiswa ongummeli-ntlobo. ✓ (1)

3.2.8 Ngumbhali. ✓ (1)

3.2.9 Kunjalo, kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ukuqala ekuqaleni de kuye ekugqibeleni ✓/unabachasi abangabantu abamtyhola ngokuthwala kunye nabaxhasi, uMamTolo, uMonwabisi ✓/unenjongo afuna ukuyiphumeza yokuphucula ubomi babanye oosomashishini abantsundu ✓

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI*: D.M. JONGILANGA

## ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Sesokuba wayethandana naye ngoko ke ethanda ukuchitha ixesha ehleli naye. ✓✓ (2)

4.1.2 B✓/ B zaseqongeni ✓/ zaseqongeni. ✓ (1)

4.1.3 Akufanelekanga, kuba uZanele uwathetha nje la mazwi kuba efuna imali kaMawonga kuba ekupheleni kwebali uyamlahla kuba engasatsitsi nto ephelelwe ngumsebenzi. ✓✓ (2)

4.1.4 (b) Indlu yam ayinafenitshala/ Indawo endilala kuyo ayinampahla ziyifaneleyo ✓✓ (2)

4.1.5 Sesokuba umntu otya iimali zabantu ngamaqhinga uphela engena engxakini kuba nangoku uZanele waphela ebanjwa ngenxa yesenzo sikaMawonga sokuzibulala kuba elahliwe nguye akungabi namali ✓✓/ umntu uyabhatala ngesenzo esibi asenze kwabanye. ✓✓ (2)

4.1.6 Ngethuba ebezama ukuthethelela uMawonga Loni kwintlanganiso yamalungu ekomiti akaphumelela. ✓✓ (2)

4.1.7 Sincedisile, kuba kukwesi sikolo apho kwabhaqwa uNdila ethuma abantwana besikolo utywala ekwasela anxile kwalapha esikolweni, kukwakwesi sikolo apho kuphekwa khona amayelenqe okugxothisana emsebenzini nguMaziko ✓✓/ kukwesi sikolo apho uMawonga Loni ebeyinqununu ebalaseleyo atshintsha isimo abe linxila elingenasidima aphele egxothwa. ✓✓ (2)

4.1.8 Ngokuthi kuvele uMaziko othe kanti ehleli nje ebefuna isikhundla sobunqununu eNobutho. ✓✓ (2)

4.1.9 Isihloko sale noveli sithi, 'Ndiyekeni', oko kukunqanda abantu ukuba bakuyeke wenze loo nto uzimisele ukuyenza. ✓ Lo mlinganiswa unguMawonga naye uvakele enqanda usapho lwakhe mhla lwalumcebisa ukuba ayeke ukunxila ngolu hlobo, wathi makayekwe kanti oko kumyeka kumsondeza kwantshabalalo nasekufeni. ✓✓ (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 Kusendlwini kaFuneka ✓/ kukwa NU.3 eMdantsane. ✓ (1)

4.2.2 Uthi amadoda adalelwe ukondla. ✓
Uthi ukholwa ziintaka ezibekayo yena endlwini yakhe. ✓ (2)

4.2.3 Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto✓/ kwinqanaba lokujiya kwezinto. ✓ (1)

4.2.4 Kukusondeza uMawonga ukuze athandane noZanele njengoko eceliwe nguFuneka ✓✓/ kukusebenzisana noFuneka kwiyelenqe lokuphalaza uMawonga encedisa uNdila kwimpindezelo anayo kuLoni. ✓✓ (2)

4.2.5 Awuzange ufezekiseke, ✓ kuba uFuneka waphuma kunye noMawonga waza wangena kwindlu ekufuphi wabuyela endlwini apho wafika uZanele sele ephumile kwindawo ebezimele kuyo bahlekisa ngoMawonga. ✓✓ (3)

4.2.6 Osicaba ✓ kuba ekuqaleni kwebali ubonakala eyinkosikazi eyithobeleyo indoda yayo de kuye esiphelweni sebali. Ngoko ke uhlala eyinto enye asiguquki isimo sakhe ebalini. ✓✓ (3)

4.2.7 Ngumlinganiswa ongummeli-ntlobo. ✓ (1)

4.2.8 Abalinganiswa bayazithethela. ✓ (1)

4.2.9 Kunjalo, kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ✓/ unezinto ezimenza athandeke ✓/ ukwindawo ebalulekileyo ebomini bakhe njengoko eyinqununu yesikolo ✓/ ube nesikhwasilima sokusela esithe samkhokelela kwisiwo sakhe ✓/impixano ijikeleze yena ✓/ube nokuzisola kanye xa kuza kuphela ibali ✓/akufa ibali liye laphela. ✓

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*: M. MLOKOTI**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 Sesokuba uZanoxolo uvela ezifownini ebefownele unina uMatshezi ngoko ke uyisemncinci unomdla wokuva iindaba ezivela ekhaya. ✓✓ (2)

5.1.2 '...B ✓/ B zaseqongeni ✓/ zaseqongeni. ✓ (1)

5.1.3 Ifanelekile, kuba uDina wangena nzulu kwiziyobisi de waba likhoboka lokuxhatshazwa kwaThambolenyoka ✓✓/ wagxothwa emsebenzini akukhulelwa wancedwa kukufunxwa intshongo yeziyobisi esibhedlele. (2)

5.1.4 Yeyokuba iziyobisi zatsalwa egazini lakhe ✓✓/ zakhutshwa. ✓✓ (2)

5.1.5 Sesokuba umntwana makahlonele imithetho yekhaya nabazali bakhe angahendeki lula kuba oko kumfaka engxakini ✓✓/ umntwana makoyike ukuzidibanisa nabantu angabaziyo ngaphandle kwemvume yabazali. ✓✓ (2)

5.1.6 Kukubanjwa kwakhe ade agwetywe iminyaka engama-25 ethothoza entolongweni. ✓✓ (2)

5.1.7 Incedisile, kuba kukule hotele apho izenzo zenkohlakalo beziqhutyelwa khona egameni lokuba yindawo yokufikela iindwendwe ✓✓/ kukule hotele apho bekutshatyalaliswa Ikamva lomntwana ngelithi uze kungxungxa kuba ilishishini elifanelwe kukuba luncedo kubantwana besikolo. ✓✓ (2)

5.1.8 Kukungquzulana komthetho nobulungisa (ezimelwe ngumthetho kunye noDina) kunye nezenzo zobubi, zenkohlakalo nokuxhatshazwa kwabantwana abangamantombazana (ezimelwe nguThambolenyoka.) ✓✓ (2)

5.1.9 Isihloko sale noveli sithi, 'Inzala yamaRhamba', oko kuthetha amantshontsho enyoka enobungozi. ✓ aba balinganiswa bangabasebenzi bakaThambolenyoka nabo bayinzala yerhamba elinguThambolenyoka kuba benza kanye yonke into ayenzayo ukubulala Ikamva labantwana abangamantombazana. ✓✓ (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Usesikhululweni samapolisa ✓/ usesikhululweni samapolisa eNgcobo. ✓ (1)

5.2.2 Kukuthenga isixhobo esiyincula ngenjongo yokufuna ukuhlaba uThambolenyoka. ✓
Uye emapoliseni waya kuthetha noSajini uGxalaba ngezenzo zikaThambolenyoka. ✓ (2)

5.2.3 Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto√/ kwinqanaba lokujiya kwezinto. ✓ (1)

5.2.4 Kukulobela uThambolenyoka abantwana abangamantombazana ukuze bathengisiswe imizimba, batshayiswe neziyobisi. ✓✓ (2)

5.2.5 Wafezekiseka, ✓ kuba icebo likaDina noSajini Gxalaba lasebenza kuba abasebenzi bakhe bamjikela baba ngamangqina enkundla ze wabanjwa uThambolenyoka wagwetywa. ✓✓ (3)

5.2.6 Ongqukuva ✓ kuba ekuqaleni kwebali ubonakala emthobela uThambolenyoka esenza konke amthuma kona kodwa ekupheleni kwebali uyamjikela amgqebhe ngebhotile ade amshiye. Ngoko ke isimo sakhe siyaguquka ebalini. ✓✓ (3)

5.2.7 Ngumlinganiswa ongummeli-ntlobo. ✓ (1)

5.2.8 Abalinganiswa bayazithethela. ✓ (1)

5.2.9 Kunjalo, kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ✓/unabaxhasi, abasebenzi bakhe kunye nabachasi, uDina nengalo yomthetho ✓/ unenjongo afuna ukuyifezekisa ekukwenza ubutyebi ngokuxhaphaza abantwana abangamantombazana ✓/ isihloko sencwadi sithiywe ngaye ✓/ liyaphela ibali akubanjwa agwetywe. ✓

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 6: NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL NGEWU & E.Z GUQA

### ISICATSHULWA K

### IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI – EZ GUQA

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6.1 | 6.1.1 | Sesokuba izikrelemnqa zazidume ngokuwanyoba amadokethi loo nto yenze ukuba bulahleke ubungqina lingaze liye phambili ityala ✓✓/ abaqeqeshelwe ukulwa nobundlobongela babesithi abazifumani ezi ndlobongela ✓✓/ kwakulahleka uxwebhu oluneenkcukacha. ✓✓ | (2) |
| | 6.1.2 | B ✓/ B abadikiweyo ✓/ abadikiweyo. ✓ | (1) |
| | 6.1.3 | Akufanelekanga, kuba zihamba ngokuzithemba phakathi kwekhaya lomntu ezimmoshileyo ngokuthatha impahla yendlu yakhe ngoko ke azinalungelo lakuhamba ngokukhululekileyo ngokungathi azenzanga nto ityhulu ✓✓/ kuba zahamba ngokupholileyo, zibonisa indelelo kulo mntu zimthathele izinto ngokungathi zezabo. ✓✓ | (2) |
| | 6.1.4 | Yeyokuba wadubula ngompu. ✓✓ | (2) |
| | 6.1.5 | Sesokuba iimini azifani, isikhuni sibuya nomkhwezeli kwaye izenzo zobubi ziyafikelela esiphelweni ✓✓/ negwala liyazincama ngentsebenzo yalo nokukhusela isidima salo. ✓✓ | (2) |
| | 6.1.6 | Kukulala kwaso esibhedlele de kucace ukuba asisayi kuze siphinde sikwazi ukuhamba ngenxa yomonzakalo esiwufumene xa besidutyulwe eqatheni nguMaqhazolo. ✓✓ | (2) |
| | 6.1.7 | Incedisile, kuba kukule dolophu apho izifundiswa zaseFort Hare beziphuma zihlale khona ze kube lula ukuba izibhovubhovu zizingenele kuba zisithi abantu abafundileyo bangamagwala. ✓✓ | (2) |
| | 6.1.8 | Ulwaphulo-mthetho olumelwe zizikrelemnqa lungquzulana nobulungisa kunye nomthetho. ✓✓ | (2) |
| | 6.1.9 | Isihloko seli bali sithi, 'Izibhovubhovu zaseBhayi', oko kuthetha izikrelemnqa ezazisuka kwidolophu yaseBhayi. ✓ izikrelemnqa ekuthethwa ngazo kweli bali zazisuka eBhayi kwaye zazithatha impahla yendlu yomntu ngenkani ✓✓/ izikrelemnqa zaseBhayi zazinesibindi sokungena emzini womntu ekhona zizithathele kwintsebenzo yakhe. ✓✓ | (3) |

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ISICATSHULWA L**

**'THATH'IZINTO ZAKHO MTHAKATHINDINI' – LL NGEWU**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6.2 | 6.2.1 | Lalihlala kwilali yakuKhothana. ✓ | (1) |
| | 6.2.2 | NguKhuthala. ✓<br>NguNgqavula. ✓ | (2) |
| | 6.2.3 | Kwinqanaba lokuyondelelana kwezinto ✓/ kwinqanaba lokujiya kwezinto. ✓ | (1) |
| | 6.2.4 | Kukuwisa umthetho ukuze abantu bafunde ukuba ubungqina bubalulekile xa kuxoxwa ityala ✓✓/ kukufundisa abantu ngokubaluleka kokwahlula phakathi kwenkolo yesiNtu kunye neyobuKrestu. ✓<br><br>[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (2) |
| | 6.2.5 | Awuzange ufezekiseke, ✓ kuba zaqengqeleka iinyanga kungekho nto akwaziyo ukuyenza amagqirha awayebathembise ukuba aza kubavusa abafana baseGqaqhala de urhulumente wanyanzelisa ukuba loo mizimba mayingcwatywe. ✓✓ | (3) |
| | 6.2.6 | Osicaba ✓ kuba ekuqaleni kwebali ubonakala ebambelele kwinkolo yakhe yobuKrestu engafuni ukusa uKhuthala koosiyazi xa engaphilanga de wayokusweleka enjalo. Ngoko ke isimo sakhe asiguquki ebalini. ✓✓ | (3) |
| | 6.2.7 | Ngumlinganiswa ongummeli-ntlobo. ✓ | (1) |
| | 6.2.8 | Ngumbhali. ✓ | (1) |
| | 6.2.9 | Kunjalo, kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ✓/unabaxhasi, uNgqavula nabahlali baseGqaqhala ababeswelekelwe ngabantwana kunye nabachasi, iimeko ezingavumelaniyo naye ✓/ unenjongo afuna ukuyifezekisa ekukuba ligqirha eliphume izandla kuKhothana. ✓<br><br>[Nasiphi isithathu kwezi.] | (3) |

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO D: ISIHOBE

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

7.1 **ENXUKHWEBE – T. MABEQA**

7.1.1 Emathafeni. ✓
Ezintlanjeni zomlambo✓/ ezintlanjeni. ✓ (2)

7.1.2 Iilali ezikhankanyiweyo zifumene lukhulu kwesi sikolo. ✓✓ (2)

7.1.3 Namankazana. ✓ (1)

7.1.4 Kubantu abaMhlophe ✓✓/ kubeLungu. ✓✓ (2)

7.1.5 Ukuba wayengumfundi ozigoca-gocayo ngemibuzo iititshala engamkeli yonke into ayifundiswayo njengenyaniso engenakuphikiswa ✓✓/ ukuba wayengumfundi opolitikayo. ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

7.1.6 (a) Ngoweliso✓/ ngowokubona. ✓ (1)

(b) Wokuhamba ngokuzidla nokuzithemba komntu. ✓✓ (2)

7.1.7 KuNelson Mandela. ✓ (1)

7.1.8 Kukufika kwembongi engumntu oNtsundu inxibe isiXhosa phakathi kwabafundisi-ntsapho abaMhlophe ✓✓/ kukuba imbongi eNtsundu ifike esikolweni ibonge ivuselele ubuntu nobuzwe babantu abaNtsundu. ✓✓ (2)

7.1.9 Ngumbongo-mbaliso ✓kuba kubaliswa ngesiganeko sokufika kwembongiyaseNtab'ozuko uSEK Mqhayi kwisikolo saseNxukhwebe apho kwaakufunda khona uNelson Mandela. ✓✓ (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 7.2: KONAKELE PHI NA MZ'ONTSUNDU? - T. YAWA**

7.2 7.2.1 Kubemi abaNtsundu baseMzantsi Afrika. ✓✓ (2)

7.2.2 (a) Sisikweko. ✓ (1)

(b) Ukudlakazeka kwentlalo yabantu baseMzantsi Afrika. ✓✓ (2)

7.2.3 (a) Yimvano-siphelo. ✓

(b) Kukudala isingqisho. ✓ (2)

7.2.4 Ukuba akusekho kuphilisana kakuhle phakathi kwabantu. ✓✓ (2)

7.2.5 Oomabonakude. ✓
Oonomathotholo. ✓ (2)

7.2.6 Luxwesiso ✓ (1)

7.2.7 Sesokuvuselela izazela zabantu ukuba bakhumbule ukuba uMadiba wayetyale uxolo kwilizwe lonke loMzantsi Afrika. ✓✓ (2)

7.2.8 Ngowokuba abantu babuyise unyawo kwizenzo zobubi nokuzibhubhisa bakhumbule intlalo entle eyayiphilwa phambi kokufika kwenkululeko eMzantsi Afrika. ✓✓✓ (3)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**



SA EXAM PAPERS